



Isalathiso: 20190523-5013

Inombolo yefayili: 2/19/P

Imibuzo: LR Abrahams

ISetyhula: 0023/2019

Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko eZikolweni, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Ukukhutshwa kwakhona kwesetyhula emalunga nomgaqo-nkqubo ongokuhamba isikolo kwabafundi ukwenzela ukomeleza ukuphunyezwa kwalo mgaqo-nkqubo nokugcinwa kweerekhodi zokuhamba isikolo kwabafundi.*

ISihloko: Ukomelezwa kokuphunyezwa komgaqo-nkqubo ongokuhamba isikolo kwabafundi nokugcinwa kweerekhodi zokuhamba isikolo kwabafundi

1. Le setyhula mayifundwe kunye neSetyhula 0029/2010, yomhla we-24 Agasti 2010.
2. Kuphicotho lwakutshanje oluqhutywe nguMphicothi-zincwadi Jikelele nolawulo lwangaphakathi nolwangaphandle lwabachaphazelekayo, kufunyaniswe ukuba ukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo ongoKuhamba isikolo kwaBafundi, 2010, nokugcinwa kweerekhodi zokuhamba isikolo kwabafundi kwinqanaba lesikolo kubangela iingxaki ezixhomisa amehlo kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED).
3. Ezinye zeziphumo zophicotho lwangaphambi koku olungokuhamba isikolo kwabafundi zibonisa ukuba iirekhodi:
 - a) zikumgangatho ophantsi yaye azichanekanga kwiimeko ezininzi;
 - b) azingqinelaniswanga ne-CEMIS, yaye iirejista azibonisi manani abafundi eCEMIS; nokuba
 - c) azicocekanga yaye zisoloko zingagqitywanga zinamacandelo angazaliswanga afana nawesini, imihla yokuphela kweeveki, neetotali zezishwankathelo zekota zemihla ngemihla nezaqho ngeveki (*daily and quarterly summary totals*) ezingagqitywanga.

4. Iirekhodi zokuhamba isikolo zabafundi zizalathi zentsebenzo ezinyanzelekileyo ezingeniswa qho ngekota kwi-Ofisi kaNondyebo yePhondo nekaZwelonke (*Provincial and National Treasury*) kwakunye nokuba zibe zizalathi zeenkqubo zangaphakathi. zeSebe iWCED
5. ISebe leMfundo esiSiseko (ISebe iDBE) lapapasha uMgaqo-nkqubo ongoKuhamba iSikolo kwaBafundi (*Policy on Learner Attendance*) kwiGazethi kaRhulumente No. 33150, yomhla we-04 Meyi 2010. Inguqulelo (yephondo) ekwikhompyutha yalo mgaqo-nkqubo iqhotyoshelwe apha ukulungiselela wena.
6. Ziyakhunjuzwa izikolo ukuba injongo yalo mgaqo-nkqubo
 - a) kukukhuthaza ukufika ngexesha nokubakho qho kwabafundi kwizikolo zikarhulumente; kunye
 - b) nokubonelela izikolo zikarhulumente neSebe iWCED ngeenkqubo ezisemgangathweni zokurekhodwa, ukulawulwa nokubekwa esweni kokuhamba isikolo kwabafundi.
7. Icacisiwe imisebenzi neemfanelo eziluxanduva lomzali, lwamabhunga olawulo, lweenqununu, lootitshala beklasi, lootitshala neSebe iWCED kulo mgaqo-nkqubo yaye kubalulekile kakhulu ukuba bonke babenolwazi ngemisebenzi eziimfanelo eziluxanduva lwabo.
8. Kukhunjuzwa ngokukodwa iinqununu ngemisebenzi eluxanduva lwazo ukuqinisekisa ukuphunyezwa koku kulandelayo:
 - 8.1 Irejista yeklasi
 - 8.1.1 Ukwenzela ukuhamba isikolo kwabafundi imihla ngemihla, makugcinwe irekhodi yabafundi abangekhoyo imihla ngemihla abangamakhwenkwe nabangamantombazana ngutitshala weklasi kumaphepha ahlukeneyo kwiincwadi zerejista. Le rejista mayigcinwe ngokunqatyiweyo kwi-ofisi yesikolo xa ingasetyenziswayo.
 - 8.1.2 Ezi rejista, apho kunako ukwenzeka, mazingcinwe kwikhompyutha zikwifomathi ebonelelweyo.
 - 8.1.3 Ikopi emiselweyo ye-*eRegister*, engqinelaniswe nalo mgaqo-nkqubo, iyafumaneka kubaphathi beesekethe.
 - 8.1.4 Izikolo ezisele zisebenzisa irejista ekwikhompyutha yokuhamba isikolo kwabafundi (*electronic attendance register*) okanye i-*School Administration and Management System (SAMS)* zinokuqhubeka zisenza ngolo hlobo njengoko zinako ukuvelisa irejista eluxwebhu ephathekayo efana nayo (*equivalent physical register*) yeenjongo zokuhlolwa nokuphicothwa kweencwadi nokubanako ukuvelisa idatha efunekayo enokufakwa (*populate*) kuxwebhu i-*School Quarterly Learner Attendance Return*

(kunokubhungiswana nomphathi wesekethe okanye negosa lengcaciso elinika inkxaso lesithili ngalo mba).

8.1.5 Ukwenziwa nokumakishwa kwerejista yeklasi makwenziwe ngosuku lwesikolo ngalunye eklasini kwiphiriyodi yokubhalisa yeklasi, engeyonxalenye yexesha elimiselweyo elabelwe iinjongo zokufundisa.

8.1.6 Kucelwa uqaphele ukuba iSebe iWCED, ngokungqinelana neSebe i-DBE, liya kuba litshintshela kwisistim ekumgangatho ofanayo kwixa elizayo.

8.2 Irejista yephiriyodi

Le rejista isekelwe kutitshala kwaye ihamba kunye notitshala weklasi, ingeyiyo iklasi yona ngokwayo. Irejista yephiriyodi luxwebhu olusemthethweni olenzelwe ukusetyenziswa ngaphakathi esikolweni.

8.3 Irejista eyi-summary register

8.3.1 Irejista eyi-summary register luxwebhu olusetyenziswa ngaphakathi esikolweni nolusetyenziswa sisikolo

8.3.2 Esi sisishwankathelo saqho ngeveki setotali yokuhamba isikolo imihla ngemihla ngabafundi abangamakhwenkwe nabangamantombazana.

8.3.3 I-eRegister ngokuzenzekelayo ivelisa zombini i-Summary Register ne-School Quarterly Learner Attendance Return.

8.4 I-School Quarterly Learner Attendance Return (CEMIS)

8.4.1 Uxwebhu i-School Quarterly Learner Attendance Return maluzaliswe kwingcaciso efunyenwe kwi-Summary yeeRejista zoKuhamba iSikolo kwaBafundi (Attendance Registers for Learners) ngosuku lokugqibela lwekota nganye.

8.4.2 Uxwebhu i-School Quarterly Return on Learner Attendance malungeniswe kusetyenziswa ikhompuyutha (ngokungena kwi-online capture screen) kwi-CEMIS kwiveki yokugqibela kwikota yesikolo nganye.

8.4.3 Uxwebhu i-School Quarterly Return on Learner Attendance malungqinisiswe luze lusayinwe yinqununu phambi kokuvalwa kwesikolo kuloo kota.

8.4.4 Idatha evela kuxwebhu i-School Quarterly Return on Learner Attendance iya kugcinwa (saved) kwiziko ledatha yaye iingxelo ziya kwenziwa zifumaneke kubaphathi nakwisikolo

- 8.4.5 Uxwebhu oluprintiweyo olusayiniweyo (*signed printout*) oluzaliswe ekhompnyutheni lwe-School Quarterly Return on Learner Attendance malufayilishwe esikolweni ukwenzela iinjongo zeerekhodi nokuba lube bubungqina bokuba iritheni zigqityiwe zaza zangeniswa ngokufakwa ekhompnyutheni.
9. Kubalulekile ukuqaphela ukuba ezi rejista zimele ukufumaneka qho ukwenzela ukuba zihlolwe yaye zingqinisiswe ngamagosa eSebe iWCED okanye ngamanye amagosa achaphazelekayo.
10. Izikolo ezisebenzisa i-SAMS okanye i-eRegister MAZIQINISEKISE ke ngoko ukuba ziprintiwe yaye zagcinwa kwifayili iikopi zaqho ngeveki yaye mazibenako ukuvelisa iikopi eziprintiweyo xa kunokwenzeka ukuba zindwendwelwe ligosa okanye ngumntu owaziwayo ochaphazelekayo ofana noMphicothi-zincwadi.
11. Inqununu mayigcine irejista nganye kangangeminyaka emithathu ubuncinane emva kokuba kufakwe iinkcukacha zokugqibela (*last entry*) kuyo.
12. Apha kuqhotyoshelwe ithemplethi yokudrafta umgaqo-nkqubo wesikolo ongokuhamba isikolo kwabafundi.
13. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abasebenzi namalungu amabhunga olawulo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2019-06-14



**URhulumente
weNtshona Koloni**

EzeMfundo

UMGAQO-NKQUBO ONGOKUHAMBA ISIKOLO KWABAFUNDI



**Western Cape
Government**

Education



IZIQULATHO

A. INGCACISO-MAGAMA NEZIFINYEZO	3
B. INTSHAYELELO	8
Injongo yomgaqo-nkqubo	8
Umhlaba ofikelelwayo nokusetyenziswa kwawo umgaqo-nkqubo	8
Ukutolikwa kwamagama	8
C. IIMEKO EZINGQONGE UMGAQO-NKQUBO	9
D. IZIZATHU EZIXHASA UMGAQO-NKQUBO	9
Ukubaluleka kokuhamba isikolo komfundi qho	9
Ukubaluleka kweerekhodi zokuhamba isikolo komfundi	10
E. UKUNGABIKHO KWABAFUNDI ESIKOLWENI	10
Ingcaciso-gama elithi ‘ukungabikho komfundi esikolweni’	10
Isizathu esivakalayo sokungabikho komfundi esikolweni	10
F. IMISEBENZI ELUXANDUVA	11
Ukukhuthaza umoya wokuhamba isikolo	11
Imisebenzi eluxanduva lomfundi	12
Imisebenzi eluxanduva lomzali	13
Imisebenzi eluxanduva lwesikolo	13
Imisebenzi eluxanduva lwesebe lemfundo lephondo (PED)	16
G. INKQUBO ELANDELWAYO	17
Irejista	17
Irejista ye-klasi	17
Iphiriyodi yokubhala irejista ye-klasi	17
Irejista ye-klasi yethutyana	17
Irejista yeephiriyodi	17
Izikolo ezinesistim yezolawulo yekhompyutha	18
Ukulandelela ukungabikho kwabafundi esikolweni	19
Ukucinywa kwerekhodi yomfundi kwirejista ye-klasi	20
Ukuvalwa okwethutyana kwesikolo	21
Iingxelo zekota zesikolo zokuhamba isikolo kwabafundi	21
H. UMHLA WOKUQALISA UKUSEBENZA KOMGAQO-NKQUBO	21
I. IISHEDYULI	21
1. Irejista ye-klasi	
2. Irejista yeephiriyodi	
3. Irejista esisishwankathelo ngokwamabakala	
4. Iingxelo zekota zesikolo ezingokuhamba isikolo kwabafundi	

A. IINGCACISO-MAGAMA NEZIFINYEZO

Kulo mgaqo-nkqubo – ukuthi

‘ukungabikho’ kuthetha umfundi ongekho esikolweni njengoko kuchatshazelwe kumhlathi 12;

‘ukwamkelwa komfundi’ kuthetha ukwamkelwa komfundi esikolweni, kwaye kunentsingiselo efanayo nale ithi ‘ukubhaliswa kwabafundi’ (isibizo);

I‘*AIDS*’ kuthetha *Acquired Immune Deficiency Syndrome*; (uGawulayo)

I‘*CEM*’ kuthetha *Council of Education Ministers*; (iBhunga laBaphathiswa beMfundo bamaPhondo)

‘igranti ebonelela ngesondlo sabantwana’ kuthetha igranti yenyanga ehlawulwa umlondolozisi womntwana ophambili (*primary caregiver*) yi*South African Social Security Agency* ukubonelela ngeemfuno zomntwana ezisisiseko;

‘isekethe’ kuthetha isekethe yezemfundo, eyiyunithi encinane yezolawulo yesithili;

‘umphathi wesekeke’ kuthetha intloko ye-ofisi yesekeke;

‘iklasi’ kuthetha iqela labafundi eliphantsi kweliso likatitshala weklasi leyo;

‘irejista yeklasi’ kuthetha uxwebhu lwaseburhulumenteni, olungaluxwebhu olusekhompyutheni, ekurekhodwa kulo ukubakho kwabafundi eklasini ngosuku ngalunye lwesikolo;

‘iphiriyodi yokubhala irejista yeklasi’ kuthetha iphiriyodi kwithayimthebhile yesikolo engagqithanga kwimizuzu eli-10 ekumakishwa ngayo irejista yeklasi;

‘utitshala weklasi’ kuthetha utitshala owabelwe yinqununu umsebenzi wokulawula iklasi ngonyaka wesikolo;

‘umgaqo wokuziphatha’ kuthetha umgaqo wokuziphatha wabafundi ochatshazelweyo kwisiqendu 8 seSASA;

‘iminyaka yobudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo’ kuthetha isigaba sobudala esichatshazelweyo kwisiqendu 3(1) seSASA, oko kukuthi, ukususela kusuku lokuqala lwesikolo lonyaka apho umfundi eneminyaka esixhenxe kude kube lusuku lwesikolo lokugqibela lonyaka apho umfundi abaneminyaka eli-15 okanye abe kwibakala lethoba, nokuba yeyiphi kwezi eyenzeka kuqala;

‘ukuqhubeka nokungabikho komfundi esikolweni’ kuthetha ukungabikho komfundi esikolweni iintsuku ezili-10 zesikolo zilandelelana kungekho sizathu sivakalayo;

‘i-ofisi yesithili semfundo’ kuthetha i-ofisi yesithili semfundo, elicandelwana lezolawulo lemfundo lephondo i-PED;

‘umphathi we-ofisi yesithili semfundo’ kuthetha intloko ye-ofisi yesithili semfundo;

I‘DBE’ kuthetha iSebe leMfundo esiSiseko;

‘utitshala’ kuthetha utitshala ngokoMthetho weNgqesho yooTitshala, 1998 (UMthetho 76 ka-1998);

‘isistim yezolawulo yekhomyutha’ kuthetha i-SA-SAMS okanye isistim efana naleyo yekhomyutha yezolawulo nokuphathwa kwesikolo;

‘ukubhalisa (*enrol*)’ (isenzi) kuthetha ukwamkela umfundi esikolweni; amanani abafundi ababhalisileyo (*enrolment*) (isibizo) linani labafundi ababhalisileyo eklasini okanye esikolweni;

‘ukuxolelwa’ kuthetha ukuxolelwa komfundi ekuhambeni isikolo ngokunyanzelekileyo ngokwesiqendu 4(1) seSASA;

‘ukugxothwa’ kuthetha ukugxothwa komfundi esikolweni ngokwesiqendu 9(1D) seSASA;

I '*HIV*' kuthetha *Human Immunodeficiency Virus*;

I '*HoD*' kuthetha 'iNtloko yeSebe leMfundo lePhondo'

'imfundo eqhubekela ekhaya' kuthetha imfundo eqhubekela ekhaya njengoko kuchatshazelweyo kwisiqendu 51 seSASA;

'iphiriyodi yokufundisa' kuthetha iphiriyodi eyabelwe ukufundisa kwisifundo okanye kwinkalo yesifundo;

'umfundi' kuthetha nawuphi na umntu ofundayo okanye onyanzelekileyo ukuba afunde ngokweSASA;

'usuku umfundi angekhoyo ngalo esikolweni' kuthetha usuku lwesikolo apho umfundi abhalwe njengongekhoyo kwirejista yeklasi;

I '*National School Calendar Policy*' kuthetha *National Policy for Designing School Calendar for Ordinary Public Schools in South Africa (General Notice 207 of 2000, epapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 20945 nge-1 Matshi 2000)*;

I '*NEPA*' kuthetha *National Education Policy Act, 1996 (UMthetho 27 ka-1996)*;

I '*NSC*' kuthetha iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke;

I '*PAM*' kuthetha *Personnel Administration Measures* epapashwe njengeSaziso sikaRhulumente 222 ngo-1999 (kwiGazethi kaRhulumente No. 19767 ye-18 Februwari 1999).

'umzali' kuthetha –

- (a) umntu ongumzali ngokwendalo okanye ongumgcini womfundi;
- (b) umntu onelungelo ngokusemthethweni lokugcina umfundi; okanye
- (c) umntu ovumayo ukwenza imisebenzi eziimbophelelo yomntu okhankanywe kwimihlathi (a) no-(b) ayenzela ukufunda komfundi esikolweni;

I '*PED*' kuthetha isebe lemfundo lephondo elibandakanya i-ofisi yesithili semfundo;

‘iphiriyodi’ kuthetha ixesha elabiwe kwithayimthebhile yesikolo lokufundisa isifundo okanye inkalo yesifundo, okanye lokubhala irejista yeklasi;

‘irejista yephiriyodi’ kuthetha uxwebhu lwaseburhulumenteni ekurekhodwa kulo ukubakho kwabafundi kwiphiriyodi yokufundisa;

‘inqununu’ kuthetha utitshala oqeshwe okanye obambeleyo njengentloko yesikolo;

‘irejista’ kuthetha irejista yeklasi okanye irejista yephiriyodi;

I‘RCL’ kuthetha ibhunga elimele abafundi;

I‘SASA’ kuthetha *South African Schools Act, 1996* (uMthetho 84 ka-1996);

I‘SA-SAMS’ kuthetha *South African School Administration and Management System*;

‘isikolo’ kuthetha isikolo sikarhulumente;

‘umsebenzi wesikolo’ kuthetha umsebenzi osemthethweni wemfundo, wenkcubeko, wokuzonwabisa okanye wezentlalo owenziwayo esikolweni ngaphakathi okanye ngaphandle kwemihlaba yesikolo;

‘usuku lwesikolo’ kuthetha usuku kunyaka wesikolo;

‘i-ofisi yesikolo’ kuthetha i-ofisi yezolawulo yesikolo, enokuba yi-ofisi yenqununu;

‘unyaka wesikolo’ kuthetha imihla ekhankanywe nguMphathiswa weMfundo esiSiseko kuzwelonke kwikhalenda yesikolokwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente;

‘iSGB’ kuthetha ibhunga lolawulo lesikolo;

‘iSMT’ kuthetha ikomiti yolawulo yesikolo;

‘abasebenzi’ kuthetha abasebenzi bolawulo okanye ootitshala besikolo;

‘ukunqunyanyiswa komfundi’ kuthetha ukunqunyanyiswa komfundi ekuyeni esikolweni ngokwesiqendu 9(1) seSASA;

‘utitshala’ kuthetha utitshala osesikolweni owenza umsebenzi wokufundisa eklasini ngokubanzi, njengoko kuchaziwe kwi-*ELRC Collective Agreement 1 of 2008*;

‘irejista yeklasi yethutyana’ kuthetha irejista egcinwa ngutitshala weklasi kungabi ngaphezu kweentsuku ezili-10 ezilandelelanayo ukusulela kumhla wokuqala wekota yokuqala yonyaka wesikolo;

‘ukuvalwa kwesikolo okwethutyana’ kuthetha ukuvalwa kwesikolo okwethutyana ngonyaka wesikolo oko kusenziwa yiNtloko yeSebe leMfundo (HoD) ngokwesiqendu 16(4)(b) seSASA okanye yiSGB ngokwe-*National School Calendar Policy*; kwaye

‘isizathu esivakalayo’ kuthetha isizathu esivakalayo somfundi sokuba angabikho esikolweni njengoko kuchatshazelwe kumhlathi 13 walo mgaqo-nkqubo.

B. INTSHAYELELO

Injongo yomgaqo-nkqubo

1. Injongo yalo mgaqo-nkqubo –
 - (a) kukukhuthaza ukufika ngexesha nokuhamba isikolo kwabafundi qho kwizikolo zikarhulumente; kunye
 - (b) nokunika izikolo zikarhulumente namasebe emfundo amaphondo (*provincial education departments*) (*PEDs*) imigaqo efanayo yokurekhoda, ukulawula nokubeka esweni ukuhamba isikolo kwabafundi.

Umhlaba ofikelelwayo nokusebenza komgaqo-nkqubo

2. UMphathiswa weMfundo esiSiseko umisele lo mgaqo-nkqubo ngemvume ye*Council of Education Ministers*) (*CEM*) ngokwesiqendu 3 se*National Education Policy Act, 1996 (NEPA)*.
3. Lo mgaqo-nkqubo ubandakanya iishedyuli eziqhotyoshelweyo nemiyalelo enxulumene nazo.
4. Lo mgaqo-nkqubo usebenza kuzo zonke izikolo zikarhulumente kwiRiphabliki yoMzantsi Afrika.
5. Apho kuyimfuneko, ii-*PEDs* zimele ukungqinelanisa imigaqo-nkqubo yazo engokuhamba isikolo kwabafundi neenkqubo ezinxulumene nalo mgaqo-nkqubo kazwelonke, njengoko kubonelelwe kwiSiqendu 2(2) seSASA, ukuqinisekisa ukuba bonke abafundi baphathwa ngokufanayo.

Ukutolikwa kwamagama

6. Isigama esisetyenziswe kulo mgaqo-nkqubo sinentsingiselo ekubhekiselelwe kuyo kwiiNgcaciso-magama (*Definitions*) nakwiZifinyezo. Kwimeko apho kukho ukungqubana kwindlela elitolikwe ngayo igama, kuya kusetyenziswa ingcaciso-gama ekwiNEPA okanye kwiSASA.

C. IIMEKO EZINGQONGE UMGAQO-NKQUBO

7. Abafundi bayahlala bangasihambi isikolo ngenxa yezizathu ezininzi, kodwa kwiindawo zoluntu ezininzi, intlupheko sesona sizekabani sokungahambi isikolo kwabafundi kakuhle. Ukungahambi kakuhle kwabafundi isikolo kungabangelwa kukungakwazi kwabazali ukuhlawula iifizi zesikolo okanye ukuthenga iiyunifom; ukunqongophala kwezithuthi zokuya esikolweni; ukugula okuthatha ixesha elide kwabazali okanye kwabantwana, kubandakanywa i-HIV/AIDS nethibhi; ukutya okungenazakha-mzimba okanye indlala; ukusetyenziswa kwabantwana, ubomi bosapho obungazinzanga okanye obuhesheheshe; nobundlobongela bemigewu.¹
8. Iiprogram eziliqela zaseburhulumenteni eziphathelelene nokuhamba isikolo kwabafundi zijoliswe ekunciphiseni iziphumo ezibi kakhulu zentlupheko egqithisileyo. Ezi zibandakanya ukwandiswa kwegranti ebonelela ngesondlo sabantwana kubantwana abahlwempuzekileyo abaneminyaka eli-16–18; ukuqaliswa kweeprogram ze-HIV ne-AIDS; ukwandiswa kweeprogram i-*Early Childhood Development programme*; i-*National School Nutrition Programme*; nomgaqo-nkqubo we-*No-Fee School policy*.

D. IZIZATHU EZIXHASA UMGAQO-NKQUBO (RATIONALE)

Ukubaluleka kokuhamba isikolo komfundi qho

9. Ukubhaliswa kwabafundi nokuhamba isikolo qho nokufika ngexesha zizinto ezifuneka phambili ukuze sibe sisizwe esifundileyo. Ngaphezulu, ukubhaliswa kwabafundi nokufika ngexesha, ukuhamba isikolo qho kubalulekile kuba –
 - (a) Isikolo ngasinye sinoxanduva lokukhusela ilungelo elisisiseko lomfundi ngamnye lokufumana imfundo;
 - (b) Ukubhalisa esikolweni kubeka umfundi phantsi koxanduva lokuba ahambe isikolo kwaye afike ngexesha qho ngaphandle kokuba kukho isizathu esivakalayo sokungabikho komfundi lowo esikolweni;
 - (c) Isikolo esikuthintela ngempumelelo ukungabikho kwabafundi esikolweni bengenasizathu sivakalayo sisethubeni elikhulu lokuphucula ukugcinwa kwabafundi beqhubeka nemfundo nokuphucula inkqubo yabo kwizifundo zabo;

¹Ithathwe kwi-*Learner Absenteeism in the South African Schooling System*. Department of Education, 2007

- (d) Ukuhamba isikolo qho kwabafundi kususithintelo esinamandla sokukhulelwa kolutsha nosuleleko yi-HIV.

Ukubaluleka kweerekhodi zokuhamba isikolo komfundi

10. Irekhodi yemihla ngemihla yokuhamba isikolo komfundi inika isikolo ithuba lokubeka esweni ukungabikho komfundi esikolweni, size isikolo sithathe amanyathelo okulandelela oku nabazali kunye nabafundi. Iingxelo zekota zokungabikho komfundi esikolweni zinika ithuba ii-ofisi zezithili zemfundo ukuba zilandelele izinto ezenzeka ezikolweni nokuba ziphendule ngokufanelekileyo malunga noku.
11. Irekhodi zokuhamba isikolo kwabafundi zingafuneka ngeenjongo zasemthethweni. Kuyimfuneko ke ngoko ukuba isikolo sizigcine iirekhodi ezinjalo ngokuchanekileyo. Inqununu nootitshala besikolo badlala indima yokuba ngabazali bomfundi esikolweni (*in loco parentis*) (*in place of parent*). Bona ke ngoko banomsebenzi wokunonophelela ukuba umfundi ngamnye orekhodiweyo ukuba ukho esikolweni. Ukuba bekunokuthathwa amanyathelo asemthethweni ngakwisikolo ngenxa yento embi eyehlele umfundi, ukuchaneka kweerekhodi yokuhamba isikolo komfundi bekungangumba obaluleke kakhulu enkundleni yamatyala.

E. UKUNGABIKHO KWABAFUNDI ESIKOLWENI

Ingcaciso-gama elithi ‘ukungabikho komfundi esikolweni’

12. Umfundi uthathwa njengongekhoyo esikolweni xa umfundi engekho eklasini okanye engathathi nxaxheba kumsebenzi wesikolo xa kumakishwa irejista.

Isizathu esivakalayo sokungabikho komfundi esikolweni

13. Lo gama ukufika ngexesha esikolweni nokubakho qho kuyimfuneko, kumaxesha ngamaxesha kusenokungabikho ndlela okanye kungalungi ukuba umfundi abekho esikolweni. Nasiphi na kwezi zizathu zilandelayo sisizathu esivakalayo sokungabikho komfundi esikolweni:
- (a) ikhefu lokuzifundela ekhaya elithathwe ngumfundi weBakala 12 ngokomhlathi 6.4.2 walo mgaqo-nkqubo;
 - (b) ukugula ngokwasemzimbeni okanye ngokwasengqondweni, inqununu enokuthi ifune ukunxibelelana nomzali malunga nokuba umfundi engenako ukuhamba isikolo,

- okanye incwadi ebhaliweyo engqina oku kagqirha okanye yomntu oyinyanga (*traditional healer*) ukuba isigulo eso sithatha ngaphezulu kweentsuku ezintathu;
- (c) ukuya kubeleka, ngokuxhomekeka kwincwadi ebhaliweyo nengqinayo kagqirha okanye yombelekisi obhalisiweyo;
 - (d) ukuthobela izinto zezenkolo okanye zenkcubeko ezivunywe liBhunga loLawulo leSikolo (*School Governing Body*) (*SGB*) ngokwe*National School Calendar Policy*;
 - (e) ukusweleka komnye wosapho;
 - (f) ukufuneka aye kwinkundla yamatyala, kwiinkonzo zezentlalo-ntle okanye kwenye i-arhente yaseburhulumenteni, enokuthi inqununu ifune ubungqina obubhaliweyo malunga noku;
 - (g) ukunqunyanyiswa yi-SGB;
 - (h) iziganeko zendalo (oko kuthi, iziganeko ezingaphaya kolawulo lomntu);
 - (i) iimeko ezingaxhaphakanga ezinokuthi ngokwembono yenqununu, ukungabikho esikolweni ithutyana –
 - (i) kube yeyona nto elungiselela umfundi bhetele; okanye
 - (ii) kube yinto engenakuthinteleka.

F. IMISEBENZI ELUXANDUVA

Ukukhuthaza umoya wokuhamba isikolo kwabafundi

13. Uninzi lwezikolo zikarhulumente zinenkqubo yokukhuthaza ukuthanda ukuhamba isikolo nokufika ngexesha qho kwabafundi esikolweni. Injongo karhulumente kukuba zonke izikolo zikarhulumente zaseMzantsi Afrika ziqalise zize zigcine umoya onjalo, nto leyo eluphawu lokuzingca kwizikolo zethu kunye nemfuneko yokufunda nokufundisa okusemgangathweni. Oku kuya kwenzeka ukuba –
- (a) iinqununu, ootitshala namagosa ee-ofisi zezithili zemfundo abonisa ungakunyamezeli kwaphela ukungahambi isikolo kwabafundi bengenasizathu sivakalayo;
 - (b) izikolo zijongana nengxaki yokukhethelwa bucala (*alienation*) kwabafundi ngokudala umoya wokunika inkxaso nokhuseleko esikolweni; ukubonelela ngekharithyula enika umdla nengumngeni; nokufundisa abafundi kakuhle;
 - (c) izikolo nee-arhente zezentlalo-ntle zinika inkxaso efanelekileyo kubafundi abantsapho zabo zitsala nzima phantsi komthwalo wobuhlwempu, ukugula kakhulu nokuswelekelwa, ngakumbi abafundi abanyanzeliswa ziimeko ukuba babe ngabanonopheli (*caregivers*) okanye iintloko zamakhaya abo;

- (d) ii-ofisi zezithili zemfundo zinika inkxaso izikolo ngokukhuthaza nokubeka esweni ukuhamba isikolo kwabafundi nokulandelela (*following up*) apho kukho ubungqina bokuba isikolo sinengxaki yokungahambi kwabafundi isikolo; yaye
- (e) amasebe emfundo amaphondo nelikazwelonke ayalwazisa uluntu ngokubaluleka kokuhamba isikolo kwabafundi nokufika ngexesha.

Imisebenzi eluxanduva lomfundi

- 14. Umfundi unomsebenzi oluxanduva wokuhamba isikolo nokufika ngexesha yonke imihla. Urhulumente uxhomekeke kubazali, kwii-SGB, kwiikomiti zolawulo zesikolo (*school management teams*) (*SMTs*), kootitshala nakwii-PED ukuba badlale indima yabo ekuqinisekiseni ukuba abafundi bayalwamkela baze baluphumeze olu xanduva. Umzekelo owenziwa ngabazali, ii-SMT nootitshala ubaluleke kakhulu ekwakheni umoya wokufika ngexesha nokuhamba isikolo qho kwabafundi.
- 15. Ngaphandle kwabafundi beBakala 12, umfundi akanako konke ukungayi esikolweni kuba eza kufundela iimviwo okanye xa iimviwo ziphelile. Abafundi beBakala 12 bangathatha ikhefu lokulungiselela iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate*) (*NSC*) kwiintsuku ezintlanu phambi kosuku lokuqala loviwo lweNSC. Abafundi abalolu hlobo abanyanzelekanga ukuba bahambe isikolo ngeentsuku abangabhali mviwo ngazo nasemva kokuba iimviwo zigqityiwe.
- 16. Kwizikolo ezineBakala 8 nangaphezulu, ibhunga elimele abafundi (*representative council of learners*) (*RCL*) limele –
 - (a) ukufaka igalelo kuphuhliso nasekusetyenzisweni komgaqo-nkqubo wesikolo ongokuhamba isikolo kwabafundi; kunye
 - (b) nokwazisa i-SMT ngezithintelo ezenza ukuba abafundi bangabikho esikolweni.

Imisebenzi eluxanduva lomzali

- 17. Umzali kulindeleke ukuba –
 - (a) aqinisekise ukuba umfundi uhamba isikolo yonke imihla, ufika ngexesha kwaye ubakho esikolweni usuku lonke ngaphandle kokuba kukho isizathu esivakalayo sokungayi esikolweni;

- (b) aqinisekise ukuba umfundi akakhutshwa esikolweni ngaphandle kwesizathu esivakalayo (iiholide zokuphuma nosapho ayisosizathu sivakalayo);
- (c) azise inqununu okanye utitshala weklasi ukuba umfundi akakho okanye kulindeleke ukuba angabikho esikolweni okanye afike kade esikolweni ngesizathu esivakalayo;
- (d) asebenzisane nesikolo ukusombulula ingxaki leyo ukuba umfundi akakho esikolweni ngesizathu esivakalayo; aze
- (e) akhuthaze kwaye, ukuba unako, ancedise umfundi ukuba abuyise ixesha elilahlekileyo ngenxa yokuba ebengekho esikolweni.

Imisebenzi eluxanduva lwesikolo

- 18. Uluntu oluyinxalenye yesikolo, olukhokelwa yinqununu ne-SGB, lunoxanduva lokukhuthaza nokubeka esweni ukuya kwabafundi esikolweni ukwenzela ukuba lunike abafundi ithuba elingcono lokuzuza kumava alo esikolo.

Imisebenzi eluxanduva lwe-SGB

- 19. Imigaqo engokufika ngexesha nokuhamba isikolo qho kwabafundi imele ukuba yinxalenye yomgaqo wabafundi wokuziphatha oqulunqwe yi-SGB.
- 20. I-SGB kulindeleke ukuba ibonise umdla omkhulu kwireyithi yokuhamba isikolo kwabafundi esikolweni sayo. Okubalulekileyo, i-SGB imele ukucela kwinqununu ingxelo yekota yendlela abahamba isikolo ngayo abafundi [ngokwesiqendu 16A (2)(c) seSASA] ize iqwalasele ingxelo leyo entlanganisweni.

Imisebenzi eluxanduva lwenqununu

- 21. Inqununu, isebenzisana ne-SMT ne-SGB, inoxanduva lokwakha umoya wokufika ngexesha nokuhamba isikolo qho kwabafundi.
- 22. Inqununu inoxanduva lokukhuthaza umoya obonisa inkathalo esikolweni apho ii-SMT nootitshala banomdla ngentlalo-ntle yomfundi ngamnye kwaye bezazi iingxaki ezingachaphazela ukuhamba komfundi isikolo.

23. **Ngokwesiqendu 16A seSASA nesiqendu 4 seMigaqo yoLawulo lwaBasebenzi (*Personnel Administrative Measures (PAM)*), inqununu inokwabela omnye utitshala umsebenzi okhankanywe kulo mgaqo-nkqubo.**
24. Inqununu mayiqulunqe umgaqo-nkqubo wesikolo ongokuhamba isikolo kwabafundi emva kokuthetha-thethana nootitshala besikolo, i-RCL (apho kufanelekileyo) ne-SGB. Umgaqo-nkqubo ongokuhamba kwabafundi isikolo kufuneka –
- (a) ucacise gca ukuba ukungabikho komfundi esikolweni ngaphandle kwesizathu esivakalayo akwamkelekanga kwaye kuya kulandelelwa ngokukhawuleza;
 - (b) ucacise indlela umzali amele ukunxibelelana ngayo nesikolo ukuba umfundi akakho esikolweni;
 - (c) ucacise ukuba ngaba irejista ye-klasi iya kumakishwa kanye okanye kabini ngosuku;
 - (d) uchaze ukuba leliphi na inyathelo lokulandelela oku isikolo esiya kulithatha ukuba umfundi akakho esikolweni;
 - (e) uchaze ukuba yeyiphi inkxaso isikolo esiya kuyinika umfundi obekhe akabikho esikolweni, ukwenzela ukubuyisa ixesha elilahlekileyo okanye iimvavanyo aye waziphosa;
 - (f) ucacise ukuba irejista ye-klasi mayisiwe kwi-ofisi yesikolo ukwenzela ukuba igcinwe ngokunqatyisiweyo;
 - (g) ucacise indlela irejista yeephiriyodi emayimakishwe ngayo nokuba isiwe nini na kwi-ofisi yesikolo ukwenzela ukuba igcinwe ngokunqatyisiweyo; kwaye
 - (h) ichaze indlela ekwabiwe ngayo imisebenzi ngemisebenzi eqalela-ku(d)-(g).
25. Inqununu mayiqinisekise ukuba ootitshala ababelwe umsebenzi wokujongana nokuhamba isikolo kwabafundi, bayakuqonda ukubaluleka kweerekhodi ezichanekileyo nokubeka esweni inkqubo ngononophelo, nokwenza imisebenzi eluxanduva lwabo ngobuchule.
26. Inqununu inoxanduva lokuqinisekisa ukuba iirejista ze-klasi neerejista zeephiriyodi ziyenziwa, zimakishwe yaye zibekwe esweni ngokufanelekileyo kwaye zigcinwa ngokunqatyisiweyo ngokwalo mgaqo-nkqubo. Kwizikolo ezineesistim zolawulo zekhompyutha, inqununu inoxanduva lokuqinisekisa ukuba iirejista ezenziwe ekhompyutheni zigcinwa ngokufanelekileyo kuze kugcinwe idatha kwezinye izixhobo

(backed up) nokuba kwenziwe iikopi eziprintiweyo ngokunxulumene nalo mgaqo-nkqubo.

27. Inqununu mayilandelele ukungayi kwabafundi esikolweni njengoko kuchatshazelwe kwimihlathi 50-53.
28. Inqununu mayiyicime (*cancel*) irekhodi yomfundi kwirejista yeklasi yabafundi ngokwemihlathi 54-59.
29. Inqununu mayibeke esweni ize icazulule iireyithi zokuhamba isikolo kwabafundi ngokwamabakala ize ibandakanye loo ngcaciso kwiingxelo ezenziwa yinqununu izithumele kwiNtloko yeSebe leMfundo (*HoD*) nakwi-SGB ngokwesiqendu 16A seSASA.
30. Inqununu mayiqhagamshelane ne-ofisi yesithili semfundo ukufumana isisombululo esamkelekileyo ukuba, ngethuba leemviwo zeNSC, ukuhamba kwabafundi isikolo kungaphazanyiswa ziingxaki zokufumaneka kwendawo yokubhalela okanye kukungabikho kootitshala esikolweni abenza umsebenzi wokumakisha iimviwo.

Imisebenzi eluxanduva katitshala weklasi

31. Utitshala weklasi unoxanduva lomsebenzi wokubhala amakishe *irejista yeklasi* ngephiriyodi yerejista yeklasi ngosuku ngalunye, ayigcine ngokuchanekileyo aze ayise kwi-ofisi yesikolo ukwenzela ukuba igcinwe ngokunqatyisiweyo.
32. Utitshala weklasi makazise inqununu xa umfundi engekho esikolweni kungekho nkcazo inikiweyo iintsuku zesikolo ezintathu zilandelelana kwaye makazise inqununu ngezenzo zokuphinda-phinda engayo esikolweni ukwenzela ukuba lo mba ulandelelwe kumzali ngendlela efanelekileyo.

Imisebenzi eluxanduva katitshala

33. Utitshala unoxanduva lomsebenzi wokumakisha *irejista yeepiriyodi*, ayigcine ngokuchanekileyo aze ayise kwi-ofisi yesikolo ukwenzela ukuba igcinwe ngokunqatyisiweyo.

34. Utitshala onesizathu esimenza akholelwe ekubeni umfundi othile akakho esikolweni ngesizathu esingavakaliyo makanike ingxelo yoko kungabikho komfundi esikolweni kwi-ofisi yesikolo.

Imisebenzi eluxanduva lwesebe lemfundo lephondo (*PED*)

35. INTloko yeSebe leMfundo (*HoD*), esebenza ubukhulu becala ngabaphathi bee-ofisi zezithili zemfundo nabaphathi beesekethe, inoxanduva lokukhuthaza ukuhamba kwabafundi isikolo qho nokufika ngexesha ngokuthi –
- (a) ikhuthaze ulwazi kuluntu ngokubaluleka kokuhamba isikolo kwezemfundo nakwezentlalo;
 - (b) inike inkxaso efanelekileyo kwezolawulo kwii-ofisi zezithili zemfundo nasezikolweni ngokwalo mgaqo-nkqubo nangokomgaqo-nkqubo wesebe lemfundo lephondo (*PED policy*);
 - (c) iqinisekise ukuba abasebenzi be-ofisi yesithili semfundo babeka esweni iirejista zeklasi xa betyelela isikolo;
 - (d) icazulule ingxelo yokuhamba kwabafundi isikolo yekota ukuqaphela umkhwa wokungayi kwabafundi ezikolweni; ize
 - (e) ithathe inyathelo elililo kwimeko yezikolo ezineereyithi eziphezulu zokungahambi isikolo kwabafundi.
36. INTloko yeSebe leMfundo, i-*HoD*, mayiqinisekise ukuba ootitshala abathile babelwa umsebenzi wokujongana nemiba yokuhamba isikolo kwabafundi kwisebe lemfundo lephondo i-*PED* kwi-ofisi yesithili semfundo nakwi-ofisi yesekethe; ukuba bayakuqonda ukubaluleka kweerekhodi ezichanekileyo nokubekwa esweni ngenyameko kwenkqubo le; kwanokuba bayenza ngobuchule imisebenzi yabo.
37. INTloko yeSebe leMfundo i-*HoD* mayiqinisekise ukuba zonke izikolo ezingenayo isistim yezolawulo yekhompyutha zineerejista zeeklasi ezaneleyo, iirejista zeepiriyodi kunye neengxelo zekota.

G. INKQUBO ELANDELWAYO

Qaphela: Izikolo ezineesistim zolawulo zekhompyutha zingatsibela kumhlathi 48.

Irejista

38. Irejista ngamaxwebhu aseburhulumenteni esebe lemfundo lephondo (*PED*). Ezi rejista zilandelayo ziya kusetyenziswa ngokunxulumene nalo mgaqo-nkqubo:
- (a) *irejista yeklasi* (ebandakanya irejista yeklasi yethutyana), egcinwa ngutitshala weklasi; kunye
 - (b) *nerejista yeephiriyodi*, egcinwa ngutitshala.
40. Ukuba utitshala weklasi okanye utitshala akakho esikolweni, omnye utitshala makamakishe irejista yeklasi okanye irejista yeephiriyodi.
41. Irejista mayinikwe igosa eligunyazisiweyo lesebe lemfundo lephondo i-*PED* okanye igosa lomthetho eligunyazisiweyo xa kwenziwe isicelo soko.

Irejista yeklasi

42. Irejista yeklasi mayimakishwe ngephiriyodi yokumakisha irejista yeklasi ngosuku ngalunye ngokungqinelana nemiyalelo ekwiShedyuli 1.

Iphiriyodi yokubhala irejista yeklasi

43. Ithayimthebhile yesikolo mayibandakanye iphiriyodi yokubhalisa abafundi kwirejista (*registration period*) yonke imihla engadlulanga kwimizuzu eli-10 ukwenzela ukuba utitshala weklasi amakishe irejista yeklasi. Iphiriyodi yokubhalisa yeklasi inokuba sekuqaleni kwentsasa nganye, ukuba irejista imakishwa kabini ngosuku, ekuqaleni kwentsasa nganye nasemva kwemini nganye.

Irejista yeklasi yethutyana

44. Irejista yeklasi yethutyana isengasetyenziswa ithuba elingadlulanga kwiintsuku zesikolo ezili-10 zilandelelana, ukuqala kumhla wokuqala wekota yokuqala, lo gama kusagqityezelwa iilisti zeeklasi (*class lists*).
45. Irejista yeklasi yethutyana mayigcinwe ngendlela efanayo naleyo yerejista yeklasi ngokwalo mgaqo-nkqubo.

46. Xa kuphela umjikelo weentsuku ezili-10 zexesha lerejista yeklasi yethutyana, makukotshelwe idatha kwirejista yeklasi.

Irejista yeephiriyodi

47. Irejista yeephiriyodi mayimakishwe ubuncinane kanye
48. ngenyanga ngephiriyodi nganye ngosuku olumiselwe yinqununu. Nakuba kunjalo, ukwenzela ukuba kubekwe esweni ukuhamba isikolo kwabafundi, inqununu ingayalela ukuba irejista yeephiriyodi mayimakishwe qho.

Izikolo ezineesistim zezolawulo zekhompyutha

48. Inqununu yesikolo egcina idatha yokuhamba isikolo kwabafundi kwisistim yezolawulo yekhompyutha –
- (a) isenokusebenzisa irejista yeklasi ukurekhoda ukuhamba isikolo kwabafundi imihla ngemihla, okanye isenokuprinta ilisti yeklasi kwisistim yezolawulo yekhompyutha yesikolo ukwenzela ukuba isetyenziswe ngutitshala weklasi;
 - (b) mayiqinisekise ukuba idatha yokuhamba isikolo kwabafundi ifakiwe kwisistim yezolawulo yekhompyutha ubuncinane kanye ngeveki;
 - (c) mayiqinisekise ukuba ikopi eprintiweyo yerekhodi yokuhamba isikolo kwabafundi yeklasi nganye yenziwa qho ngenyanga ekuyeyenyanga engaphambili, isayiniwe yinqununu, ifayilishiwe ukulungiselela iinjongo zokuphicothwa kwamanani;
 - (d) mayiqinisekise ukuba ziyenziwa iingxelo zekota (*quarterly returns*) zokuhamba isikolo kwabafundi; zize
